



# **basic education**

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2016**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU : 80**

**Le memorandam inamaphepha ali-10.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

#### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiwa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/Ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala** ngokuhambelana nombuzo.  
Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.
7. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

**1.1 ISICATSHULWA A**

- 1.1.1 Babezenza ngezikhumba zezilwanyana abazibulalayo.✓/  
ngezikhumba zezilwanyana.✓ (1)
- 1.1.2 ukutya ✓ (1)
- 1.1.3 (a) C./Amantombazana✓/ C.✓  
(b) A./Amadoda✓/A.✓ (2)
- 1.1.4 kuba nzima ukwahlula isinxibo sabasetyhini kwesamadoda.✓✓ (2)
- 1.1.5 'Impucuko ifike yasibetha saziindindi ezingxabalazileyo.'✓ (1)
- 1.1.6 Siphuhlisa ukuba impucuko yaseNtshona ingunobangela wokutshintsha / isizathu sokutshintsha/ imeko exhomekeke kwenye yokutshintsha kwamasiko nezithethe zamaXhosa.✓ (1)
- 1.1.7 Amasiko nezithethe ahlula isizwe kwesinye.✓ (1)
- 1.1.8 Ukusela amanzi anothuthu✓/ukungaseli kwiintsuku ezisibhozo zokuqala✓/ukungazityi izityo ezithile kwiintsuku ezisibhozo zokuqala✓/ukuya kuhlamba emlanjeni ekuseni kusabanda.✓  
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 1.1.9 'egagaza'.✓ (1)
- 1.1.10 Kukuba imisebenzi emininzi iza kwenziwa ngoomashini.✓ (1)
- 1.1.11 Yinyani kuba bukho ubungqina obuphathekayo bokuba mihla le izinto ziyatshintsha kwindlela ezisebenza nezenziwa ngayo.✓✓ (2)
- 1.1.12 Ihambo ezazithatha iinyanga ngeenyanga kutsha nje zithatha iiyurana ezimbalwa.✓✓ (2)
- 1.1.13 Izinto ziyaguquka mihla le ngenxa yempucuko kwaye ziba lula.✓✓ (2)
- 1.1.14 Ndiyangqinelana kuba abanye abantu bathi bakuhamba nempucuko baye bewalahla ngokuwalahlha amasiko kuba besithi zizinto ezisemva.✓✓

**OKANYE**

Andingqinelani kuba abanye abantu nakubeni behamba nezinto zempucuko abawayekanga amasiko.✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

- 1.1.15 C.✓/C. kukuba ngumzekelo wokuyingcamango yomhlathi.✓/ kukuba ngumzekelo wokuyingcamango yomhlathi.✓ (1)
- 1.1.16 Lichanekile kuba ezinye izinto ziyaphela kuba abantu bahamba nempucuko.✓✓ (2)

**1.2 ISICATSHULWA B**

- |       |   |                   |
|-------|---|-------------------|
| 1.2.1 | Ingamanani abathengi/abantu abasevenkileni ngamaxesha athile emini.√√               | (2)               |
| 1.2.2 | Yintsimbi yokuqala.√/1 pm.√   | (1)               |
| 1.2.3 | Bahlanu.√/5.√   | (1)               |
| 1.2.4 | Ngentsimbi yeshumi kusasa.√ kuba abantu abasevenkileni baya kuba bebabini kuphela.√ | (2)<br><b>[6]</b> |

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

#### **Ukumakisha ushwankathelo**

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6-7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1-5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

#### **QAPHELA**

- **Ifomathi**
- Nokuba isishwankathelo asilandelanga ifomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umlingwa.
- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela. yesishwankathelo sakhe.

	<b>IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO</b>		<b>IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO</b>
1.	'Abanye bayamncoma bathi bazuza lukhulu kwiinkqubo zakhe abanye bayamgxibha ngelithi akanamfundiso iyiyo kwaphela'	1.	Izimvo zabantu ziyahluka ngomabonakude abanye bazibona zilulutho iinkqubo zakhe abanye bathi azakhi.
2.	'Umabonakude usiphathela iindaba ngezinto ezenzekayo ehlabathini. Asaneli nje ukuva okuqhube kayo elizweni, siyazibonela ngamehlo sikholve. Siwubonile umonakalo obangwe zizikhukhula eTshayina naseMelika.'	2.	Umabonakude usiphathela iindaba zehlabathi.
3.	'Usizela nendyebo yokhuphiswano kwezemidlalo. Minyaka le ngoJuni ukuya kuJulayi sibukela intenetya ekumgangatho ophezulu yaseWimbledon eLondon. Siyibonile imidlalo ye-Olympics apho kukhuphisana amaqela ehlabathi.'	3.	Unceda ekuziseni imidlalo yehlabathi eluntwini jikelele.
4.	'Ukwasizisela iintlobo zomculo ovunywa ziindidi zabantu nezamaqela. Simbonile exhentsa samva engqokola uMahlathini. Sizibonile iikwayala zeli zitsholoza eStandard Bank Arena. Simbonile uMichael Jackson ezibhijabhija eqongeni ehlahlambisa isitediyam siphela.'	4.	Uzisa iindidi zemiculo.
5.	'Umabonakude uneenkqubo ezifundisa abantwana besikolo nezikawonke wonke. Ezibalaseleyo zezifundisa ngeMathematika, ngeNzululwazi, ngeBhayoloji nangesiNgesi. Zikwakho nezifundisa ngolimo, ukupheka, impilo njalo-njalo. Kwisifundo ngasinye kukhethwa incutshe enobuchule bokuwucacisa umcimbi kwabaphulaphuleyo'.	5.	Umabonakude uneenkqubo eziqhutywa ziincutshe malunga nezifundo zabo.
6.	'Bakho abamkhalazayo umabonakude ngokungabinamfundiso iyiyo ingakumbi kwabasakhulayo. Okuqala kukuba, uhlile umdla wabantu ekufundeni iincwadi. Bambalwa abantu abandwendwela iilayibrari ngeenjongo zokukhetha iincwadi abanokuzifunda ukuze ulwimi lwabo luhucuke nolwazi longezeleleke.'	6.	Abanye bakhalazela ukungabi namfundiso iyiyo kukamabonakude, ukuthoba kwakhe izinga lokufundwa kweencwadi nokuhlisa amanani abantu abaya kumathala eencwadi.
7.	'Kwakhona, umabonakude udale ubunqenerha ebantwini. Abazali bakubuya emsebenzini nabantwana bakubuya esikolweni bacofa umabonakude bathi zava esofeni. Kubanzima sekufuneke umntu aye kuvulela iindwendwe emnyango kuba engafuni kuphoswa nayindawana kwinkqubo ayibukeleyo.'	7.	Umabonakude ukhuthaza ubuvila kuluntu kuba babukela behleli bade bangenzi imisebenzi yekhaya.

8.	'Umabonakude ubonisa iifilimu ezibafundisa izinto ezingatshongo khona abantwana ngokuthi zigabadela kwezothando nobundlobongela. Abantwana balapha, babukele, kunzima nokuba umzali angakhe awucime okomzuzwana umabonakude okanye abantwana bacimele kudlule indawo ethile.'	8.	Imiboniso yakhe ikhuthaza ukugabadelo kwezothando nobundlobongela.
	<b>[220 amagama]</b>		<b>[68 amagama]</b>

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B:** 10

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

#### 1. Upelo

- Impendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikhoso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye ziisetyniszwe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

- Impendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
- Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikhoso sakhi solwimi sivavanywayo.
- Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

### UMBUZO 3

- |     |  |             |
|-----|--|-------------|
| 3.1 | YiBio-Strath✓ /Bio-Strath✓   | (1)         |
| 3.2 | D✓/D Amandla angaphezulu.✓/Amandla angaphezulu.✓   | (1)         |
| 3.3 | Ubomi benene.✓   | (1)         |
| 3.4 | Ngenjongo yokugxagxamisa abathengi.✓✓/ ngenjongo yokungxamisa abathengi beze kuthenga.✓✓               | (2)         |
| 3.5 | Inika amandla awongezelelwego kubadlali✓/ikhusela kwizifo✓/ilwa ukudinwa.✓<br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2)         |
| 3.6 | Kwiikhemesti✓/kwiivenkile ezinkulu zeli.✓<br>[Nayiphi kwezi.]  | (1)         |
| 3.7 | Ngabadlali, abantu abasengagulayo nabadinwayo✓ kuba bakhankanyiwe kwimisebenzi yale mveliso.✓          | (2)<br>[10] |

**UMBUZO 4**

- 4.1 Ziiglasi zamehlo✓/zizipekisi✓/ziintanyongo.✓ (1)
- 4.2 namhlanje.✓ (1)
- 4.3 Amehlo athe gqa✓/umlomo ovulekileyo✓/ iiglasi zamehlo eziwayo✓/incwadi ephuncukayo✓/iinyawo eziphakamileyo.✓/ iinwele ezimileyo✓/ izandla ezipulekileyo.✓  
[Nasiphi isibini.] (2)
- 4.4 Libonisa ukutsalwa kwegama✓/ukuba igama liyatsalwa xa libizwa.✓ (1)
- 4.5 Siyamsinda✓✓/ubonisa imbeko emntwini omdala.✓✓ (2)
- 4.6 Erkki Alanen.✓ (1)
- 4.7 Abazali mabayitshixele imipu yabo ukuze abantwana bangafikeleli kuyo✓✓/ kuyingozi ukungabekwa kwemipu kwiindawo ezikhuselekileyo.✓✓ (2)  
**[10]**

**UMBUZO 5**

- 5.1 5.1.1 C✓/C Isibizo sisetyenziswe emva kwesilanduli.✓/ Isibizo sisetyenziswe emva kwesilanduli.✓ (1)
- 5.1.2 Sesoquko✓ (1)
- 5.1.3 Sisetyenziswe kulandelewano Iwezinto.✓✓/kudweliso Iwezinto✓✓ (2)
- 5.1.4 zabo.✓ (1)
- 5.1.5 Gqr.✓ (1)
- 5.1.6 imilo yokungathiza.✓ (1)
- 5.1.7 Kuza kubakho umsebenzi wamaggirha ekhaya kule veki.✓/ Umsebenzi kubalulekile ukuba alithathe ikhefu nokuba mninzi umsebenzi.✓ (1)  
[Nasiphi isivakalisi esichanekileyo]
- 5.1.8 UMdumiseni uphendule ngelithi ✓ngathi ba✓yangqinelana ngaloo✓/ ngala✓ndawo.✓ (3)
- 5.1.9 Lilonke ndithi yimpazamo ukucinga ukuba xa ningoogqirha ni✓balulekile kuna✓magqwetha. (2)
- 5.1.10 Sisibandakanyi.✓ (1)

- |   |                            |  |                             |                            |   |                 |     |
|---|----------------------------|--|-----------------------------|----------------------------|---|-----------------|-----|
| 5.2                                       | 5.2.1                      | Iyeza lithandwa ngumntwana.√√/ Iyeza liyathandwa<br>ngumntwana.√√  | (2)                         |                            |   |                 |     |
| 5.2.2                                     |                            | <table border="1"> <tr> <td><b>Igatya eliyintloko</b>□</td> <td><b>Igatya elintanganye</b></td> </tr> <tr> <td>Umama uyabakhathalela<br/>abantwana bakhe√</td> <td>Akafuni bagule√</td> </tr> </table> | <b>Igatya eliyintloko</b> □ | <b>Igatya elintanganye</b> | Umama uyabakhathalela<br>abantwana bakhe√ | Akafuni bagule√ | (2) |
| <b>Igatya eliyintloko</b> □               | <b>Igatya elintanganye</b> |  |                             |                            |   |                 |     |
| Umama uyabakhathalela<br>abantwana bakhe√ | Akafuni bagule√            |  |                             |                            |   |                 |     |
| 5.2.3                                     |                            | Umama uhlala exhobe ngamayeza.√  | (1)                         |                            |   |                 |     |
| 5.2.4                                     |                            | umcephe ucandiwe√  | (1)<br>[20]                 |                            |   |                 |     |